Ngokuhlwanje, sibhiyozela abantu abangaqhelekanga nababalaseleyo. Amagcisa, ababhali, abadlali nabaculi, iingcali zenkcubeko, amatshantliziyo olwimi, oosomathala bamathala eencwadi, iingcali zamaziko olondolozo lwembali, iinkokeli zoluntu nemibutho egcina amabali, izithethe nobuchule bokuyila baseNtshona Koloni buphila.



Umxholo wethu othi, 'Ilifa leMveli eliPhilayo', uvakalisa inkolelo endiyibambe ngamandla: ilifa lemveli asiyonto esiyamkela kuphela njengelifa. Yinto esiyiphilayo mihla le, esabelana ngayo nabanye, nesiyingqithisela kwizizukulwana ezizayo.

"Ilifa lethu lemveli liphila kwiilwimi zethu, kumculo wethu, ekutyeni kwethu, kwizithethe zethu, kubugcisa bethu nakumabali ethu. Liphila kumaziko olondolozo lwembali ethu nakooovimba bethu, kodwa likwakhona emakhayeni ethu, kwiindawo esihlala kuzo, ezitalatweni nakwiindawo zikawonkewonke. Lisidibanisa nabo basandulelayo, ngelixa linika isizukulwana esitsha ithuba lokubalisa amabali aso nokubumba ikamva.

Likhangeleka ngolo hlobo ilifa lemveli eliphilayo. *Givâlik*, njengoko besiza kutsho ngeKaaps: ilifa lemveli elimangalisayo ngokwenene, eliphilayo, nelisoloko liphila.

Kuyo yonke iNtshona Koloni, ukusuka eKaroo ukuya kuNxweme oluseNtshona, kwiCape Winelands nakwiGarden Route, nakwizixeko zethu, uluntu lwasemaphandleni neelokishi, sibona ubutyebi nokwahlukahlukana okumangalisayo kwephondo lethu kubonakaliswa ngeenkcubeko zalo.

Sibulela uluntu ngalunye olugcina obu butyebi nokwahlukahlukana buphila.

Kwaye emva kwako konke oku kukho abantu abenza ukuba konke oku kwenzeke.

Abantu abalondoloza imbali yethu. Abantu abafundisa iilwimi zethu, kuquka neKaaps, olunye lweelwimi eziphilayo nezixabisekileyo zaseCape Flats. Abantu abenza umculo nobugcisa. Abantu abakhusela oovimba bethu namaziko olondolozo lwembali zethu. Abantu ababalisa amabali ethu. Kwaye abantu abaqinisekisa ukuba isizukulwana esilandelayo siyayazi imvelaphi yaso.

Umsebenzi wabo womeleza ububona, wakha imvakalelo yokuba ngabathile, kwaye udibanisa uluntu.

Kodwa ukulondoloza ilifa lethu lemveli akuthethi ukuba kufuneka sime ngxi.

Itekhnoloji iyayitshintsha indlela esibhala ngayo, esilondoloza ngayo nesabelana ngayo ngamabali ethu. Ubuchule obutsha businika iindlela ezintsha zokufikelela kubaphulaphuli nokwenza ilifa lethu lenkcubeko lifikeleleke ngakumbi kubo bonke. Kufuneka siwamkele la mathuba ngelixa siqinisekisa ukuba ubunyani nobutyebi belifa lethu lemveli buyakhuselwa.

Kufuneka sikwaqaphele nemingeni ejongene nelifa lethu lemveli. Uguquguquko lwemozulu, ukukhula nophuhliso lweedolophu, kunye nehlabathi elitshintsha ngokukhawuleza, kusinyanzela ukuba sicinge ngendlela eyahlukileyo yokukhusela iindawo, izithethe, ulwazi neenkumbulo ezixabisekileyo kuluntu lwethu.

Kwangaxeshanye, inkcubeko isinika amathuba amakhulu.

Amashishini oyilo, ukhenketho lwenkcubeko, iminyhadala, amaziko olondolozo lwembali, iindawo zelifa lemveli kunye nemisitho emikhulu enegalelo kuqoqosho lweNtshona Koloni. Axhasa oosomashishini, aphuhlisa izakhono, atsale iindwendwe, yaye okona kubalulekileyo, adala amathuba emisebenzi.

Yiyo loo nto ukutyala imali kwinkcubeko kungapheleli nje ekubhiyozeleni ixesha lethu elidlulileyo. Kukutyala imali ebantwini, kuluntu nakwikamva lethu.

Kwaye akukho ndawo apho oku kubaluleke ngakumbi kunakubantu abatsha bethu.

Kufuneka sidale amathuba amaninzi ngakumbi ukuze ulutsha lube namava enkcubeko, lufunde ngelifa lalo lemveli, luphuhlise

iitalente zalo, luze lwakhe amakhondo omsebenzi kumacandelo oyilo nenkcubeko. Alungobamkeli belifa lethu lemveli kuphela. Sele enegalelo ekulibumbeni nasekuliphuhliseni.

Kubo bonke abafikelele kumjikelo wokugqibela nabafumene iimbasa: siyavuyisana nani!

Umdla wenu, ubuchule benu bokuyila nokuzinikela kwenu kuyasikhuthaza. Enkosi ngokulondoloza amabali ethu, ngokubhiyozela ukwahlukahlukana kwethu, ngokomeleza uluntu lwethu nangokusibonisa oko kunokwenzeka.

“INTshona Koloni inebali lenkcubeko elimangalisayo nelikhethekileyo. Kodwa elo bali alikagqitywa. Eli lilifa lemveli elifanele ukubhiyozelwa ngako konke esinako. Sisalibhala. Sisaliqamba kwaye silidalela ikamva. Sisaliabelana nabanye.

Likhangeleka ngolo hlobo ilifa lemveli eliPhilayo.

Masilibhiyozele ilifa lethu lemveli, siligcine kwaye silikhusele, yaye ngaphezu kwako konke, masiqinisekise ukuba liyaqhubeka lidlulela phambili. *Dydilik*.

uRicardo Mackenzie

UMphathiswa wePhondo weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo

URhulumente weNtshona Koloni



IINDIDI ZEEMBASA NABATYUNJWA

IIMBASA ZOKUGQWESA KUYILO

Elona Galelo liBalaseleyo leGcisa/ loMbutho kwiCandelo loNcwadi

- Bulelwa Basse
- Lluyle Arendse
- Rita Swanepoel

Elona Galelo loYilo oluTsha leGcisa okanye loMbutho kwiCandelo loMdaniso

- Philippi Art Centre
- Project021

Elona Galelo loYilo oluTsha leGcisa okanye loMbutho kwiCandelo loMdlalo weqonga

- Mthobisi Mpandle
- Sophie Joans / Spark in the Dark
- Uyilo Arts Academy

Elona Galelo loYilo oluTsha leGcisa okanye loMbutho kwiCandelo loMculo

- Cape Cultural Collective's Triple C Recordings
- Jikela Studios
- Sonic Exploration Network South Africa (SenSA)

Elona Galelo loYilo oluTsha leGcisa okanye loMbutho kwiCandelo lezoBugcisa oBubonwayo

- Hari Lualhati
- Jared Leite
- Khayelitsha Fashion Week

Elona Galelo loYilo oluTsha leGcisa okanye loMbutho kwiFilimu, amajelo oSasazo aBonwayo naVakalayo, amaJelo eNtsebenziswano neFoto

- Cinemagic Scoring
- Imran Hamdulay
- Inkubeko Nezobugcisa

Elona Galelo loYilo oluTsha leGcisa okanye loMbutho kwiCandelo leMisebenzi yeZandla

- Nokubonga Sifanele
- Women Moving Souls

IMbasa yeGcisa eliseLitsha

- Jadine Knecht
- Sumayyah Petersen
- Thimna Sitokisi

IMbasa yoMbhali, uMdlali, iMvumi okanye uMdanisi oseMtsha

- Lonwabo Joseph Mabele
- Sihle Dolophini
- Sumayyah Petersen

Owona Mnyhadala wezoBugcisa boLuntu oneMpembelelo eBalaseleyo

- Look At God Music Academy
- Suidoosterfees
- Ukukhanya Kwelanga Art Society NPC

IIMBASA ZOLWIMI, ZOLWAZI LOKUFUNDA NOKUBHALA, NEZOLWAZI

IMbasa yeNtshatsheli ekuKhuthazeni ukuFunda nokuBhala

- City of Cape Town Library and Information Services
- Hawston Public Library – Belinda Louise May
- Mossel Bay Public Library

IMbasa yeNtshatsheli yoLwazi lweDijithali

- Brackenfell Public Library – Lonwabo Joseph Mabele
- D’Almeida Public Library
- Hermanus Public Library

IMbasa kaNeville Alexander ngeGalelo eliBalaseleyo kwiilwimi eziNinzi

- Athlone Public Library Digital Reading Den
- Read to Rise
- Keanan McArthur

IGalelo eliBalulekileyo kuPhuhliso loLwimi

- Professor Matilda Burden
- Sumayyah Petersen

IThala leeNcwadi loLuntu loNyaka

- Hermanus Public Library
- Mossel Bay Public Library
- Strand Public Library

Abahlobo ababaleseleyo beThala leeNcwadi loLuntu

- Greyton Public Library
- Hermanus Public Library
- Kuyasa Public Library
- Vermaaklikheid Public Library

AMABHASO ELIFA LEMVELI, INKUMBULO NOBUWENA

Oyena Mphandi uBalaseleyo oneGalelo kwiLifa looVimba

- Archives to Narrative (Koue Bokkeveld)
- Irma Jordaan
- Lauren Jacobs

Oyena Vimba woLuntu okanye oweZiko uBalaseleyo

- Centre for the Constitutional Transformation of South Africa (CCTSA)
- Sanlam Archives

IGalelo kuPhando, ekuDaleni ukwaZisa nasekuKhuthazeni iNkcubeko eBandakanya Wonke umntu

- Genadendal Living Landscape
- Lindela Mjenxane

IGalelo ekuBandakanyweni kweNtlalo nakuGuqulo kwiCandelo laMaziko oLondolozo eMbali, iLifa leMveli noLungiso lwaMagama eeNdawo

- Norval Foundation – We the People: 30 Years of Democracy

UPhando oluKhokelwa luLuntu okanye iNkqubo yoLuntu kwiCandelo leLifa leMveli, aMaziko oLondolozo lweMbali okanye amaGama eeNdawo

- Charles Theunissen
- FutureHood

Eyona Ndlela iBalaseleyo yokuSebenza kwiCandelo laMaziko oLondolozo lweMbali neMibutho eNxulumene nawo

- Norval Foundation
- Stellenbosch University Museum Conservation Laboratory

IGalelo leQumrhu loLondolozo, uMbutho weLifa leMveli okanye aMaziko oLondolozo lweMbali ekuKhuthazeni iMbali yeNdawo, iLifa leMveli okanye ukuThiywa ngokutsha kweeNdawo zeJografi

- Archive to Narrative (Koue Bokkeveld)
- Elton John Lesch

Elona Galelo liBalaseleyo kuKhuseleko noLondolozo lweNdawo yeLifa leMveli eKhuselweyo kuZwelonke, kwiPhondo okanye kwiNqanaba leNgingqi

- Abantu Academy for Literature
- Bomikazi Nomlala
- Tiervlei Community

IIMBASA ZOFIKELELO LOLUNTU NOKUTHATHA INXAXHEBA KWINKCUBEKO

IMbasa yeMpembelelo eBalaseleyo kuLuntu ngokuSebenza nokuFikelela kuLuntu

- Hawston Public Library
- Lindela Mjenxane
- Whitaker Peace Development Initiative

Eyona Projekthi iBalaseleyo yokuKhuthaza uFikelelo kuMaziko oLondolozo lweMbali, iiNgqokelela zeLifa leMveli, iiNdawo zeLifa leMveli okanye iziBonelelo zeLifa leMveli

- Archive to Narrative (Hout Bay Project)
- Norval Foundation Learner Centre

IMbasa yeYona Nkqubo iBalaseleyo yezoBugcisa neNkcubeko yaBafundi emva kweSikolo

- College of Magic
- Creative Skills Factory
- Lalela

Ukugqwesa ekuQeqesheni kwezoBugcisa neNkcubeko emva kweSikolo

- Carol Dube
- Odwa Mvunge (posthumously)
- Sinethemba Bawuti and Olwethu Dyantyi

IIMBASA ZOKUBANDAKANYWA KWENTLALO NEMPUMELELO YENKCUBEKO

**IVolontiya eliSebenzayo loNyaka kwiCandelo laMaziko
oLondolozo lweMbali, iLifa leMveli namaGama eeNdawo**

- Indiphile Matayi
- Moira-Ann Odendaal
- Zolani Balekwa

IIMBASA ZENKCUBEKO YEKAMVA

Climate Culture in Action

- D'Almeida Public Library
- Sir Lowry's Pass Public Library
- Someleze Bam

IMBASA KAMPHATHISWA

Inkonzo yoBungqina boMphathiswa inikezelwa kubantu abathile, kwimibutho, kumaziko, kumaqela okanye kumaphulo abe negalelo elibalaseleyo kwinkcubeko yeNtshona Koloni.

DJ Ready D (Deon Daniels)

Kangangeminyaka engaphezu kwamashumi amane, uDJ Ready D udlale indima ebalulekileyo ekusekeni, ekuphuhliseni nasekugcineni iHip-hop njengentshukumo yenkcubeko yokwenyani eMzantsi Afrika, apho iye yaba sisixhobo esinamandla sokubonakalisa ubugcisa, ukuxhotyiswa kwabatsha kunye nokwazisa uluntu ngezinto ezenzeka eluntwini. Ngomsebenzi wakhe wobuvulindlela njengoDJ, iturntablist, umculi kunye nenkokeli yenkcubeko, uye wanceda ekuguquleni iHip-hop yaba yenye yeentshukumo zenkcubeko zale mihla ezinempembelelo enkulu eMzantsi Afrika.

Wazalelwa eDistrict Six waza kamva wanyanzeliswa ukuba afuduke nosapho lwakhe aye eMitchells Plain phantsi koMthetho worhulumente wengcinezelo iGroup Areas Act, amava kaDJ Ready D abumba ngamandla ukuzinikela kwakhe kuhlobo lomculo weHip-hop njengendlela yokubonakalisa inkcubeko nokuchasa ucalucalulo. Ukuzazisa kwakhe ngomculo weHip-hop ekuqaleni kweminyaka yama1980 kwakhokelela ekubeni abe ngomnye wabantu bokuqala eMzantsi Afrika ukwenza ezobuDJ, iturntablism, ibreaking, kunye nebeatboxing, nto leyo eyanceda ekusekeni intshukumo yeHip-hop kweli lizwe kwiminyaka yayo yokuqala yokwakheka. Ngeli xesha, wasebenza kunye namanye amavulandlela, kuquka iBlack Noise kunye nomseki wayo uEmile Jansen (uEmile YX?), apho iinzame zabo ezidibeneyo zenza iKapa laba liziko eliphambili lentshukumo yomculo weHip-hop onomyalezo onentsingiselo eMzantsi Afrika.

Njengelungu elingumseki kunye noDJ weProphets of Da City (POC), uDJ Ready D wancedisa ekudaleni into eyaziwa kakhulu njenge albham yokuqala yeHip-hop yaseMzantsi Afrika ukukhutshwa ngokusemthethweni ukuze ithengiswe, iOur World ngowama(1990). I-POC yaba yenye yamaqela eHip-hop anempembelelo enkulu elizweni, ivelisa umculo owawucela umngeni kurhulumente wocalucalulo, ujongana nokungalingani nobundlobongela, kwaye unika ilizwi kumava obomi olutsha lweCape Flats. Umculo wabo wawuquka iilwimi zaseKapa, ulwimi lwasekuhlaleni kunye namabali aseMzantsi Afrika akhethekileyo,

-ebonisa ukuba iHip-hop inokubonakalisa ubuwena bendawo ngelixa ihlala ithembekile kwiingcambu zayo zenkcubeko zehlabathi. U-DJ Ready D uncedise ekudaleni indawo yenkcubeko ekwabelwana ngayo ngeHip-hop, edibanisa ulutsha nangaphaya kwemida yobuhlanga neyoluntu kwaye ebonakalisa amandla omculo ekwakheni unxibelelwano kunye nobuntu.

Waziwakwihlabathiliphelanjengomnyewabonabaculi beturtable ababalaseleyo eAfrika, kwaye uphumelele ukhuphiswano lweDMC yaseMzantsi Afrika izihlandlo ezine. Wamela iMzantsi Afrika kabini kukhuphiswano lweWorld DJ Championships, apho wangena kuluhlu lwabadlali ababalaseleyo abalishumi eliphezulu, waza ngowama2010 wafumana isihloko esaziwayo kwihlabathi liphela se “Grandmaster” ngenxa yobuchule bakhe obuphezulu kwezobugcisa bokudlala iturntablism kunye negalelo lakhe elibalaseleyo kwinkcubeko yobuDJ.

Ngokuhamba kakhulu ekhenketha neqela neProphets of Da City kunye nokwenza imiboniso kunye namagcisa adumileyo kwihlabathi jikelele—kuquka iPublic Enemy, iThe Fugees, ulce-T, uJames Brown, uDJ Jazzy Jeff, iBlack Eyed Peas kunye noWill Smith—uye wabonisa umculo weHip-hop woMzantsi Afrika kubaphulaphuli behlabathi, ngelixa ephucula igama lenkcubeko yelizwe kumazwe angaphandle. Igalelo lakhe liye laqatshelwa kwilizwe lonke nakwamanye amazwe ngeembasa ezininzi, kuquka iHype Magazine Lifetime Achievement Award, isihloko esithi “Grandmaster,” kunye nokuqatshelwa njengomnye woDJ baseMzantsi Afrika abaphumelele kakhulu nabanempembelelo enkulu. Ngaphandle kwezi mbasa, ilifa lakhe elihlala lihleli likukuseka imigangatho yobungcali kwimisebenzi yobuDJ, ukugcina isidima senkcubeko yeHip-hop kunye nokukhuthaza izizukulwana zamagcisa aseMzantsi Afrika. Umsebenzi kaDJ Ready D umele okungaphezulu nje kokugqwesa kubugcisa; ubonakalisa ubunkokeli kwinkcubeko, ukuvelisa izinto ezintsha kunye nokuzimisela nokunyamezela.

Imbasa kaMphathiswa inikezelwa kuDJ Ready D (Deon Daniels) njengokuqaphela igalelo lakhe elibalaseleyo kuphuhliso lomculo weHip-hop eMzantsi Afrika kunye nendima yawo ekukhuthazeni isazisi senkcubeko, ukuvezwa kobuchule bobugcisa kunye nomanyano loluntu; indima yakhe yobuvulindlela ekusekeni inkcubeko yooDJ kunye nobugcisa beturtablism; kunye nefuthe lakhe elihlala lihleli ekuvezweni kweembono zolutsha, kwisazisi senkcubeko nakumashishini obuchule bokuyila eNtshona Koloni naseMzantsi Afrika.

KuHilton Schilder

Kangangeminyaka engaphezu kwamashumi amane, uHilton Schilder wenze igalelo eliqhubekekayo kubomi benkcubeko eNtshona Koloni njengomqambi, umculi odlala izixhobo ezininzi zomculo, umdlali kunye nomntu ozisa izinto ezintsha kwinkcubeko. Wazalelwa eLotus River, eKapa, waza wakhulela kusapho oludumileyo lomculo; ngoko ke, umsebenzi wakhe usekelwe ngokuzinzileyo kwizithethe zomculo zaseKapa — ingakumbi iCape Jazz, iGoema kunye neendlela zomculo wemveli.

Kulo lonke ixesha lomsebenzi wakhe, ubonakalise ukuzinikela ekulondolozeni ezi zithethe lo gama eqhubeka nokuphonononga iindlela ezintsha zokubonakalisa umculo kunye nentsebenziswano namanye amagcisa. Igalelo lakhe aligcinanga nje ekwenzeni imiboniso yomculo kuphela. Ngethuba leminyaka yama1980, waba ngomnye wabasunguli beThe Genuines, elinye lamaqela aqala ukudibanisa izingqi zeGoema kumculo wangoku woMzantsi Afrika. Emva koko wakhokela okanye wasebenzisana namaqela omculo anempembelelo enkulu, kuquka iAfrican Dream, ilconoclast, iThe Goema Captains of Cape Town, iThe District Six Band kunye neSons of Table Mountain. Ngale ntsebenziswano, uye wadlala indima ebalulekileyo ekomelezeni nasekukhuthazeni ukuzazi obukhethekileyo bomculo waseKapa, obubonakalisa ilifa lenkcubeko eyahlukahlukeneyo yephondo.

Elinye lawona magalelo akhe abalulekileyo ibe kukuzinikela kwakhe ekulondolozeni nasekwabelaneni ngolwazi lomculo wemveli. Udlala izixhobo zomculo ezingaphezu kwe15, ezibandakanya ezesintu nezale mihla, yaye uye wadibanisa izixhobo zomculo zemveli ezifana nesaphetha somlomo samaKhoi namaSan kwimibhalo nakwiimiboniso zomculo wangoku. Ngokuzisa izandi zomculo wemveli kwiimeko zomculo wangoku, umsebenzi wakhe ube negalelo ekukhuseleni nasekulondolozeni izithethe zomculo wemveli, ngaxeshanye uzazisa kubaphulaphuli abatsha eMzantsi Afrika nakumazwe ngamazwe.

Igalelo lakhe likwabonakalise ixabiso elibonakalayo kuluntu. Kangangeminyaka engaphezu kwamashumi amane, uSchilder uye wenza imiboniso yomculo ngokubanzi kulo lonke elaseMzantsi Afrika nakumazwe ngamazwe, wamela izithethe zomculo zaseKapa kwiminyhadala yamazwe ngamazwe, wasebenzisana neemvumi eziphambili zaseMzantsi Afrika nezamazwe ngamazwe, waza wanegalelo kuphuhliso lweemvumi eziselula ngokuzicebisa nangokusebenzisana nazo kwezobugcisa. Icwekwe lakhe elithi No Turning Back lachongwa kwiSouth African Music Awards, yaye ngowama2008 waqeshwa njengeGcisa eliHlala kwindawo yamagcisa e-Eye Jazz Club eBasel,

eSwitzerland, nto leyo ebonakalisa ukuqatshelwa komsebenzi wakhe kumazwe ngamazwe. Umsebenzi wakhe ugubungela ukuqulunqa umculo, ukwenza imiboniso, umculo wemveli, ilifa lenkcubeko, ukusungula izinto ezintsha kwezomculo, kunye nobunkokeli bokuyila. Ngegalelo lakhe eliqhubekayo kumculo wemveli, umculo womngquqo waseKapa nakwizithethe zomculo weGoema, uye waqinisa ukubonakala kwelifa lomculo leNtshona Koloni, wanegalelo ekulondolozweni kwelifa lenkcubeko elingaphathekiyo, waza watyebisa amashishini oyilo ephondo kwisithuba samashumi eminyaka aliqela. Umsebenzi wakhe uyaqhubeka nokuqinisekisa ukuba ezi zithethe zomculo ziphilayo zihlala zifanelekile, zifikeleleka kubo bonke, kwaye zibhiyozelwa zizizukulwana ezitsha zeemvumi nabaphulaphuli.

Imbasa kaMphathiswa inika ingqalelo kuHilton Schilder ngegalelo lakhe elibalaseleyo ekulondolozeni, ekuphuhliseni nasekubhiyozeleni ilifa lomculo wemveli leNtshona Koloni kunye nezithethe zomculo womngqungqo waseKapa. Ngokuzibophelela kwakhe ubomi bakhe bonke ekuqambeni, ekusebenzeni, ekuveliseni izinto ezintsha zenkcubeko kunye nokwabelana ngolwazi, uqinise ukubonakala komculo waseKapa, wakhusela izinto ezibalulekileyo zelifa lenkcubeko waza waqinisekisa ukuba ezi zithethe ziphilayo ziyaqhubeka nokukhuthaza izizukulwana ezizayo.

Aden Thomas

Kangangeminyaka engaphezu kwamashumi amabini, uAden Thomas usebenzise amandla osasazo ukunxibelelanisa uluntu, ukubhiyozela ubuwena bendawo, nokudala amathuba okuba abantu kunye neetalente zobugcisa beNtshona Koloni bubonakale kwaye buviwe. Njengomnye wabantu abaziwa kakhulu kumajelo eendaba ephondweni, uye wasebenzisa iqonga lakhe ngokuqhubekayo ukukhuthaza amabali asekuhlaleni, ukuxhasa amalinge oluntu nokuphakamisa amazwi amagcisa, olutsha neenkokeli zoluntu.

Ngenkqubo iHeart FM Breakfast Show, uThomas uye waxhasa kwaye wakhuthaza iimvumi namagcisa oyilo aseNtshona Koloni ngenkuthalo, ebonelela ngeqonga lokubonakalisa italente yasekuhlaleni kwakunye nokukhuthaza iingxoxo malunga nomculo namashishini nobugcisa bephondo. Ukuzinikela kwakhe ekubonakaliseni amagcisa asekuhlaleni kube negalelo ekwandiseni ulwazi loluntu ngobunzulu nokwahluka koluntu lwaseKapa olusebenza kumacandelo oyilo nobugcisa.

Kwakhona, uye wazisa waphinda wanceda ekwenzeni idume inkqubo ethi “Scholar Holla”, elilinge elinika abafundi bezikolo ezikwiindawo ngeendawo zeNtshona Koloni ithuba lokumela izikolo zabo kunomathotholo oqhelekileyo, babelane ngempumelelo yabo, bacele umculo, kwaye babalise amabali oluntu abaphuma kulo. Ngokudala iqonga lokuba ulutsha luthathe inxaxheba kusasazo lukawonkewonke, eli phulo likhuthaza ukuzithemba, ukuzingca koluntu kunye nokuthatha inxaxheba kuluntu ngelixa liqinisa unxibelelwano phakathi kwezikolo kunye noluntu lwasekuhlaleni.

Ukuzinikela kwakhe kunxibelelwano noluntu kunabela ngaphaya koonomathotholo ngendima yakhe njengomphathi we“Sê Jou Sê” kwikyNET & kie. Le nkqubo inika abantu baseMzantsi Afrika iqonga loluntu lokunxibelelana ngendlela eyakhayo ngemiba echaphazela iintsapho zabo kunye noluntu, ikhuthaza incoko, ukuqonda kunye nomanyano lwentlalo ngencoko enentlonipho. Xa ewonke, la manyathelo abonisa indlela uAden asebenzise ngayo amajelo eendaba kungekuphela nje njengendlela yokuzonwabisa, kodwa njengesixhobo sokuthatha inxaxheba kwinkcubeko, ukuxhotyiswa kwabatsha kunye nokudibanisa uluntu. Ngokusasaza, uye wadala amaqonga afikelelekayo abhiyozela isazisi sasekuhlaleni, axhasa amazwi asakhulayo, kwaye omeleza imeko yentlalo nenkcubeko yeNtshona Koloni.

UAden Thomas unikwa iMbasa yoMphathiswa njengokuqaphela igalelo lakhe eliqhubekayo ekuphuculeni inkqubo yenkcubeko yeNtshona Koloni ngokusebenzisa amajelo eendaba, ukubandakanywa kolutsha kunye nokumela imiba yoluntu.

IIMBASA ZELIFA ELIHLALA LIHLELI

Imbasa yeLifa elihlala lihleli liqaphela abantu abaneminyaka engama60 nangaphezulu abenze igalelo elibalaseleyo nelihlala lihleli kumacandelo obugcisa, inkcubeko, ulwimi, amathala eencwadi, ugcinomaphepha neenkukacha kunye nelifa lemveli.

Paul Hanmer

UPaul Hanmer ngomnye wabaqulunqi bomculo, abadlali bepiyano, abafundisi kunye nabasunguli bezinto ezintsha kwezomculo abahlonitshwa kakhulu eMzantsi Afrika, nosele enegalelo elikhulu ekubumbeni imeko yomculo womngqungqo yangoku yeli lizwe kangangeminyaka engaphezu kwamashumi amane. Udume ngobuchule bakhe bokudibanisa umculo womngqungqo, izithethe zomculo wakudala kunye neendlela zokuvakalisa umculo wemveli waseMzantsi Afrika, uHanmer uqulunqe ingqokelela yomsebenzi womculo enzulu, emiliselwe ngokomeleleyo kubuwena bendawo, nekwaqatshelwa yaza yanconywa kumazwe ngamazwe. Icwece elithi *Trains to Taung* lithathwa ngokubanzi njengelinye lawona marekhodi abalulekileyo kwimbali yomculo womngqungqo yaseMzantsi Afrika, libonakalisa indlela ekhethekileyo kaHanmer yokuqulunqa umculo nobuchule bakhe bokudibanisa umculo womngqungqo nezithethe zomculo waseMzantsi Afrika. Ukubhiyozela isikhumbuzo seminyaka engama30 ngowama2026 ngomboniso okhethekileyo we *Journey to Jazz*, eli cwece liyaqhubeka nokukhuthaza iimvumi nabaphulaphuli ngokufanayo ngesandi salo esikhethekileyo nangokubaluleka kwalo kwezobugcisa okuhlala kuhleli ngokuhamba kwexesha.

Ngaphandle kwempumelelo yakhe njengomculi nomqambi, uHanmer wenze igalelo elibalaseleyo kuphuhliso lwabaculi abaselula. Njengomfundisintsapho nomcebisi, ebesoloko etyale imali ekukhuliseni italente esakhasayo ngeeworkshops, iimasterclasses, iinkqubo zemfundo, kunye neeprojekthi zentsebenziswano. Umsebenzi wakhe unike abaculi abasakhasayo amathuba okusebenzisana ngqo neengcali ezibalaseleyo, ukuphuhlisa izakhono zabo zobugcisa, kunye nokufumana ukuqonda okunzulu ngelifa elityebileyo lomculo womngqungqo eMzantsi Afrika.

Njengonyana waseKapa, uHanmer uye wagcina ubudlelwane obuqinileyo noluntu lomculo womngqungqo eNtshona Koloni, enegalelo kwinkcubeko yokukhokela nokucebisa eye yanceda ekubumbeni isizukulwana esilandelayo samagcisa. Ngokuthatha

inxaxheba kumanyathelo ezemfundo, kwimiboniso, nakumaqonga okwabelana ngolwazi, udlale indima ebalulekileyo ekuqiniseni icandelo lomculo womngqungqo eliphilileyo kwiphondo, nasekuqinisekiseni ukuba iimvumi eziselula zixhotyisiwe ukuze ziqhubeke neli lifa lomculo. Kulo lonke ixesha lomsebenzi wakhe oqaqambileyo, uHanmer usebenzisane nezinye zeemvumi ezaziwa nezihlonitshwa kakhulu eMzantsi Afrika, kuquka uMiriam Makeba, uHugh Masekela, uMcCoy Mrubata, uRay Phiri, kunye noPops Mohamed. Ukuzinikela kwakhe ubomi bakhe bonke ekugqweseneni kubugcisa, ekuboniseni inkcubeko, kwimfundo yomculo, nakuphuhliso lezizukulwana ezizayo kuye kwamqinisekisa njengomnye wabantu bomculo abahlonitshwayo nabanempembelelo enkulu eMzantsi Afrika.

Imbasa yelifa elihlala lihleli iiwonga uPaul Hanmer ngegalelo lakhe elibalaseleyo kubomi bakhe bonke kumculo womngqungqo waseMzantsi Afrika, ekuqulunqeni umculo, kwimfundo yomculo, nakuphuhliso lwezizukulwana ezizayo zeemvumi. Ngamashumi amane eminyaka obugcisa obukumgangatho ophezulu, ukuvelisa izinto ezintsha kunye nokukhokela, uye wandisa amathuba omculo womngqungqo woMzantsi Afrika, waqinisa ukudluliselwa kolwazi lomculo, waza washiya ilifa elihlala lihleli eliqhubeka likhuthaza amagcisa nabaphulaphuli apha ekhaya nakwamanye amazwe.

Thoko Ntshinga

UThoko Ntshinga ngumdlali weqonga, umsunguli, ingcali yeqonga, utitshala kunye nomlweeli wamagcisa odumileyo waseMzantsi Afrika, ogalelo lakhe kuphuhliso lweqonga, umabonakude kunye nobugcisa lithatha ixesha elingaphezu kwamashumi amane eminyaka. Njengoko ethathwa njengenye yezona ngcali zobugcisa zihlonitshwayo kweli lizwe, udlale indima ebaluleke kakhulu ekubumbeni ubugcisa bokubaliswa kwamabali eMzantsi Afrika ngomsebenzi wakhe eqongeni, ngelixa ekhuthaza ukukhula nophuhliso lwezizukulwana ezizayo zamagcisa.

UNtshinga waqalisa umsebenzi wakhe kwiminyaka yawama1970 kwindawoyobugcisa eyayiphambili, iSpace Theatre eKapa, phambi kokuba abe ngumntu obalaseleyo kwiMarket Theatre edumileyo, apho wadlala khona kwiimveliso ezibalulekileyo ezifana neBorn in the RSA, iCincinnati kunye nePanorama. Umsebenzi wakhe weqonga wabonakalisa ukuzinikela kwimidlalo enenkathalo ngemiba yoluntu, ephanda ngezihloko ezinjengobuni, ubulungisa kunye namava obomi babantu baseMzantsi Afrika. Imidlalo yakhe yeqonga edumileyo yamenza waziwa njengomnye wamagcisa aphambili eqonga kweli lizwe, kuquka nokuphumelela imbasa

ehloniphekileyo iFleur du Cap Theatre Award. Negalelo lakhe kumabonakude nalo libaluleke kakhulu. UNtshinga waba ligama elaziwayo ngenxa yokudlala kwakhe indawo kaDonna Makaula kumdlalo kamabonakude odumileyo iEgoli: Place of Gold, indawo awayidlala phantse iminyaka engamashumi amabini. Waqhubeka nokuzakhela igama elihle ngokudlala iindima ezishiya umkhondo kwimidlalo efana neInterrogation Room, iThe River, iDie Spreeus, iBlood & Water kunye neminye imidlalo emininzi kamabonakude eyatyebisa icandelo losasazo eMzantsi Afrika. Ukukwazi kwakhe ukubonisa abalinganiswa abanzima nababonakala beyinyani kumenze waba ngomnye wabantu abahlala ixesha elide nabahlonitshwayo kwicandelo likamabonakude eMzantsi Afrika.

Ngaphandle kwempumelelo yakhe kwezobugcisa, uNtshinga wenze igalelo elimangalisayo kuphuhliso lwezobugcisa kunye noqeqesho. Njengomfundisintsapho, umsunguli, umququzeleli wemidlalo yeqonga yoluntu kunye nomkhuseli wezobugcisa, unikele uninzi lomsebenzi wakhe ekuxhobiseni amagcisa asakhasayo kunye nokwandisa ukufikelela kwezobugcisa. Ngobunkokeli bakhe kwiCandelo lezoBugcisa obuBandakanyayo beArtscape, indima yakhe yangaphambili njengomhlohli weDrama kwiYunivesithi yaseKapa, kunye namaphulo afana neThoko Ntshinga Foundation kunye neenkqubo ezahlukeneyo zethiyetha yolutsha, uye wakhulisa italente yolutsha waza wadala amathuba kubadlali abasakhasayo, ngakumbi abo bavela kuluntu olungafumani nkonzo zaneleyo. Njengokuqaphela igalelo lakhe elibalaseleyo kwishishini leefilimu nomabonakude eMzantsi Afrika, wafumana imbasa ehloniphekileyo iSAFTA Golden Horn Lifetime Achievement Award ngowama2018; le mbasa yayingahloniphi nje kuphela umsebenzi wakhe omkhulu njengomdlali, kodwa nempembelelo yakhe ehlala ihleli njengenkokeli yenkcubeko, umcebisi kunye nommeli wamagcisa nobugcisa. Ilifa likaThoko Ntshinga lidlulela kude ngaphaya kweendima azidlalileyo. Ngobuchule bakhe bobugcisa, ubunkokeli kunye nokuzinikela okungagungqiyo kuphuhliso loluntu kunye nokuxhotyiswa kwenkcubeko, uye waba negalelo ekubunjweni nasekuguqukeni kweqonga kunye nomabonakude eMzantsi Afrika, ngelixa ekhuthaza izizukulwana zamagcisa ukuba zisebenzise ukubaliswa kwamabali njengendlela yokuzisa utshintsho eluntwini.

Imbasa ehlala ihleli ihlonipha uThoko Ntshinga ngenxa yegalelo lakhe lobomi bakhe bonke kwimidlalo yeqonga, kumabonakude nakwicandelo lenkcubeko ngokubanzi eMzantsi Afrika. Kwiminyaka engaphezu kwamashumi amane yobugcisa obukumgangatho ophezulu, ukukhokela abanye kunye nokuxhasa ubugcisa, uye waba negalelo elikhulu ekubumbeni indlela yokubaliswa kwamabali kweli lizwe, waphuhlisa amagcisa asakhulayo, waza

wabonisa amandla angapheliyo obugcisa bokudlala njengendlela yokubonakalisa inkcubeko, ukubonisa imeko yoluntu kunye nokuxhobisa uluntu.

Gqr. John Maytham

UGqr. John Maytham unikele ngeminyaka engaphezu kwamashumi amahlanu ekuphuculeni icandelo lobugcisa, inkcubeko kunye namajelo eendaba eMzantsi Afrika. Umsebenzi wakhe obalaseleyo njengomdlali, umlawuli, umsasazi, umbhali kunye nomhlalutyi wezinto zoluntu ubonakalisa ukuzinikela okungapheliyo kubugcisa bokubalisa amabali, ubugcisa bokudlala eqongeni, uncwadi kunye neengxoxo zoluntu ezisekelwe elwazini. Ngomsebenzi wakhe kumacandelo ahlukeneyo, wenze igalelo elihlala lihleli kubomi benkcubeko baseNtshona Koloni naseMzantsi Afrika.

Njengomfundi weDrama kwiYunivesithi yaseRhodes, uJohn wathatha inxaxheba kwimidlalo equka iWaiting for Godot, iSix Characters in Search of an Author, iThe Relapse kunye neAs You Like It, ngelixa wayekwalawula umdlalo othi Orison. La mava abalulekileyo ekukhuleni abeka isiseko somsebenzi oquka imidlalo yeqonga, imidlalo bhanyabhanya, umabonakude kunye nosasazo. Ngowama1974, waba ngumdlali wokuqala ukubonakala eqongeni kumdlalo wokuvula iKing Lear kwiMiboniso yokuqala yaseGrahamstown, ngoku eyaziwa njengeNational Arts Festival. Lo mboniso ubalulekileyo ngokwembali uyinxalenye yelifa lobugcisa bokudlala eMzantsi Afrika, kwaye waphawula ukuqala komsebenzi ozinikele kwicandelo lobuchule bokuyila.

Waqhubeka negalelo kwimidlalo yeqonga yaseMzantsi Afrika njengomlawuli kunye nengcali yalo msebenzi. Ngowama1983, wavelisa uNicholas Ellenbogen kumdlalo othi Precious Remnants waza wavelisa ngempumelelo umdlalo othi The Bicycle Riders kwiMarket Theatre yaseRhawutini, elinye lamaziko emidlalo yeqonga anempembelelo enkulu kweli lizwe. Ngowama1989, wavelisa umdlalo kaNoël Coward othi Blithe Spirit eyayisenziwa yiYunivesithi yaseKapa. Umsebenzi wakhe kwicandelo lemidlalo yeqonga wawuhambisana nemisebenzi yakhe kwicandelo leefilimu nomabonakude, apho wayesebenza njengomdlali, umvelisi nombhali, kuquka ukubonakala kwimveliso ezifana nomdlalo wembali kamabonwakude othi Rhodes.

Ngowama1997, uJohn wajoyina iCapeTalk ngexesha lokusungulwa kwayo waza waba ngumsasazi wokuqala ukungena emoyeni

kwesi sikhululo. Kwixesha elingaphezulu kwamashumi amathathu eminyaka, uye waba ngomnye wabantu abahlonitshwa kakhulu kwihlabathi losasazo eMzantsi Afrika, esakha iqonga leengxoxo ezinzulu nezinentingiselo malunga noncwadi, imidlalo yeqonga, umculo, imbali, inzululwazi, imicimbi yangoku kunye nobugcisa. Ngesimbo sakhe sodliwanondlebe esahlukileyo, ubukrelekrele bakhe kunye nokuzinikela ekubandakanyekeni koluntu, uqhagamshela abaphulaphuli nababhali abaphambili, amagcisa, izifundiswa kunye nabasebenzi benkcubeko, okwenza ulwazi lwenkcubeko lufikeleleke kuluntu ngokubanzi.

Ukwenze negalelo elikhulu kwinkalo yoncwadi eMzantsi Afrika. Ngowama2017, wapapasha incwadi ethi Rapid Fire: Remarkable Miscellany (Tafelberg), esekelwe kwicandelo lakhe elidumileyo kwisikhululo iCapeTalk, ngaloo ndlela esandisa igalelo lakhe ekwabelaneni ngolwazi noluntu nakwinkqubo yokufunda ubomi bonke ngokusebenzisa uhlelo olushicilelweyo. Ngokusebenzisa udlwanondlebe oluqhelekileyo malunga noncwadi kunye nokuthatha inxaxheba kwimisitho yoncwadi—kuquka iOpen Book Festival kunye neFranschhoek Literary Festival—uye wakhuthaza ukufunda nokunxibelelana noncwadi, waza wadala amaqonga eengxoxo phakathi kwababhali nabaphulaphuli. Umsebenzi wakhe ubonisa indibanisela enqabileyo yobugcisa bokudlala, ukusasaza iindaba, uncwadi kunye nohlalutyo lwenkcubeko. Kuyo yonke le minyaka yotshintsho kwicandelo leendaba nobugcisa eMzantsi Afrika, uMaytham uhlale engumntu othembekileyo, egcina ukubaluleka kweengxoxo ezineentsingiselo kunye nokufikelela koluntu kwinkcubeko. Umsebenzi wakhe uqinise uxabiso lobugcisa, wakhuthaza umdla wokufuna ulwazi, waza waba negalelo kuluntu olwazi ngakumbi noluzibandakanya nemicimbi yenkcubeko.

Imbasa ehlala ihleli ihlonipha uGqr. John Maytham ngenxa yegalelo lakhe elibalaseleyo lobomi bakhe bonke kwicandelo lobugcisa, inkcubeko kunye nelifa lemveli, kunye nendima yakhe ehlala ihleli ekuphuculeni ubomi benkcubeko nobobukrelekrele baseMzantsi Afrika ngokusebenzisa usasazo, imidlalo yeqonga, uncwadi kunye nokusebenzisana noluntu.

Gqr. Jo-Anne Duggan

Uzelelwe kwaye ukhulele eKapa, uGqirha Jo-Anne Duggan uzinikele iminyaka engaphezu kwamashumi amane ekulondolozeni, ekuguquleni nasekuqiniseni icandelo logcinomaphepha nelelifa lemveli eMzantsi Afrika. Umsebenzi

wakhe obalaseleyo njengengcali yelifa lemveli, umgcinimaphepha, umphandi kunye nenkokeli yezenkubeko uye waphembelela iingxoxo zesizwe malunga nolawulo lwamaxwebhu, uhlaziyo lweziko kunye nokulondolozwa kwelifa lamaxwebhu aseMzantsi Afrika. Ngobunkokeli bakhe, izifundo zakhe kunye nenkonzo karhulumente, wenze igalelo elihlala lihleli ekuqinisekiseni ukuba ungcinomaphepha luhlala lufikeleleka, luquka kwaye lufanelekile kwizizukulwana zangoku nezexesha elizayo.

UGqr. Duggan uhlale exhasa indima yogcinomaphepha njengezibonelelo zikawonkewonke ezibalulekileyo, ezigcina izikhumbuzo, zomeleza idemokhrasi kwaye zixhasa ubulungisa bentlalo. NjengoMlawuli weArchival Platform, ukhokele elinye lamaphulo aphambili oluntu eMzantsi Afrika elizinikele ekuphuculeni inkqubo yelizwe yokugcinwa kwamaphepha embali. Phantsi kobunkokeli bakhe, lo mbutho waseka iqonga lesizwe lengxoxo phakathi kukarhulumente, amaziko okugcina amaphepha, abaphandi, amaziko okugcina imbali kunye noluntu, nto leyo ekhuthaza uxanduva olukhulu kunye nentsebenziswano kulo lonke eli candelo.

Amanye wamagalelo akhe azibalula ngawo yayikukukhokela uphuhliso lopapasho olubaluleke kakhulu olunesihloko esithi State of the Archives: An Analysis of South Africa's National Archival System ngowama(2015). Le ngxelo ibonelele ngovavanyo olubanzi lokuqala lwenkqubo yesizwe yogcinomaphepha ukususela ekuqaleni kwedemokhrasi, ihlola imiba yolawulo, imithetho, amandla amaziko, ulawulo lwamaxwebhu kunye nokufikelela koluntu kuwo. Ibe yindawo ebalulekileyo yokubhekisela kubenzi bomgaqonkqubo, ababhali beengxeloombali, abaphandi kunye neengcali zelifa kwaye iyaqhubeka nokwazisa ingxoxo yesizwe malunga nokuqinisa iinkonzo zeengxelo-ombali eMzantsi Afrika.

UGqr. Duggan ukwadlale indima ebaluleke kakhulu ekuguqulweni kwamaziko kwicandelo elifa lemveli. Ngexesha lokusebenza kwakhe kwiSebe lobuGcisa neNkcubeko ngelo xesha, wanikezelwa uxanduva lokulungelelanisa inkqubo entsonkothileyo yokudibanisa amaziko enkubeko aseRhawutini (abhengeziweyo) ukuze enze iziko elinye lesizwe leZiko lolondolozo lwembali. Olu tshintsho lubalulekileyo kuzwelonke lufune ukubandakanyeka okukhulu kwabachaphazelekayo, uhlehlengiso lweziko kunye nobunkokeli obucwangcisiweyo ngexesha lotshintsho olukhulu kwicandelo leZiko lolondolozo lwembali. Igalelo lakhe kwicandelo lolondolozo lwezembali nelelifa lemveli eMzantsi Afrika likwaquka ukulungiselela umboniso wokuqala weZiko lolondolozo lwembali kaNelson Mandela eMthatha, kunye nokuncedisa ekusekweni kwelinye lamaziko abaluleke kakhulu elifa lemveli kweli lizwe,

elizinikele ekugcineni ilifa likaMongameli Nelson Mandela kunye nembali yeMpuma Koloni.

Ngearhente yakhe yokubonelela ngeengcebiso, iThe Heritage Agency CC, uGqr. Duggan usebenze kakhulu norhulumente, icandelo labucala kunye noluntu jikelele kwiiprojekthi ezinxulumene nelifa lemveli, lweZiko lolondolozo lwembali kunye noovimba bamaxwebhu kulo lonke elaseMzantsi Afrika. Umsebenzi wakhe ube negalelo kulawulo lwelifa lemveli, kuphuhliso lwamaziko, ekuphunyezweni kwemigaqonkqubo nakukhuseleko lwezibonelelo zenkcubeko zelizwe, nto leyo ebonisa ukuzinikela okungagungqiyo ekugqweseneni emsebenzini nakwinkonzo eluntwini.

UGqr. Duggan uye wazibalula ngakumbi ngobunkokeli bakhe kulawulo lweengxelombali. Usebenze amaxesha amabini kwiKomiti yeeNgcebiso zeengxelombali zaseNtshona Koloni, kuquka nokuba nguSihlalo, ngaphambi kokuba amele iphondo kwiBhunga leeNgcebiso zeengxelombali zeSizwe. Ukutyunjwa kwakhe nguMphathiswa wezeMidlalo, ubuGcisa neNkcubeko njengoSihlalo weBhunga leeNgcebiso zongcinomaphepha zeSizwe kubonakalisa ukuqatshelwa kwilizwe liphela kobuchule bakhe, ubunkokeli kunye negalelo lakhe elihlala ixesha elide kwicandelo longcinomaphepha. Kuwo wonke umsebenzi wakhe, uGqr. Duggan udibanise uphando, ukukhuthaza imiba ethile kunye nobunkokeli kumaziko ukuze omeleze icandelo logcino maphepha nelelifa lemveli eMzantsi Afrika. Umsebenzi wakhe uqhubele phambili rhoqo kwimigangatho yobungcali, ukhuthaze ukufikelela kwilifa leengxelombali, ukhuthaze ukubandakanyeka koluntu kwaye ugxininise ukubaluleka kweengxelombali ekugcineni inkumbulo, ubuwena kunye nokuphendula ngentando yesininzi.

Imbasa ehlala ihleli ihlonipha uGqr. Jo-Anne Duggan ngenxa yegalelo lakhe elibalaseleyo lobomi bakhe bonke kwicandelo logcinomaphepha, ilifa lemveli kunye nesikhumbuzo senkcubeko, kunye nobunkokeli bakhe obuzinzileyo ekuqiniseni amaziko ogcinomaphepha aseMzantsi Afrika ukuze kuzuze izizukulwana zangoku nezo zexesha elizayo.

Father Michael Lapsley (Society of the Sacred Mission)

Umfundisi uMichael Lapsley (Society of the Sacred Mission) uzinikele iminyaka engaphezu kwamashumi amahlanu ekukhuthazeni uxolelwano, isidima somntu kunye nokulondolozwa

kwezikhumbuzo zaseMzantsi Afrika. Ngomsebenzi wakhe njengomfundisi weCawa yaseAnglican, ummeli wamalungelo oluntu kunye nomseki weInstitute for Healing of Memories, wenze igalelo elikhulu kwilifa lentlalo nenkcubeko yelizwe ngokunceda abantu kunye noluntu ukuba bajongane namaxesha adlulileyo abuhlungu baze bavule iindlela eziya ekuphilisweni nasekuxolelaneni.

Umfundisi uLapsley usebenze njengomfundisi wabafundi baseyunivesithi eYunivesithi yaseNatal ngowama1973, ngexesha lelinye lamaxesha anzima kakhulu elizweni. Amava akhe ngexesha localucalulo abumba ukuzinikela kobomi bonke kubulungisa nakwisidima soluntu. Emva kokuchaswa okukhulayo kocalucalulo, wanyanzelwa ukuba aye elubhacweni, apho waqhubeka khona nomsebenzi wakhe wobufundisi ngelixa exhasa abantu baseMzantsi Afrika abagxothiweyo ngenxa yemfazwe yezopolitiko.

KwekaTshazimpuzi ka1990, wasinda kuhlasele lwesiqhushumbisi esasifakwe kwileta, nto leyo eyakhokelela aphulukane neengalo zakhe zombini kunye nokuphanyaka iliso elinye. Endaweni yokuvumela esi senzo sobundlobongela sichaze ubomi bakhe, waguqula amava akhe aba kukuzinikela ubomi bakhe bonke ekupholiseni nasekuxolelaneni. Impendulo yakhe iye yaba luphawu oluhlala lukhunjulwa loxolelo, ukomelela kunye nethemba. Ebona ukuba uninzi lwabantu baseMzantsi Afrika lwalufuna amathuba okubalisa amabali alo ngaphaya kweenkqubo ezisemthethweni zeKomishoni yeNyaniso noXolelaniso, uMfundisi uLapsley waqulunqa indlela yokusebenza yocweyo olubizwa ngokuba yiHealing of Memories. Ekuqaleni zaqaliswa kunye neKhomishini yeNyaniso noXolelwaniso, ezi ndibaniselwano zadala iindawo ezikhuselekileyo apho abantu abavela kwiimvelaphi ezahlukeneyo babenokwabelana ngamava okwenzakala, ukulahlekelwa kunye neengxabano kwindawo enesidima, intlonipho kunye novelwano.

Ngowama1998, lo msebenzi wamiselwa ngokusekwa kweInstitute for Healing of Memories, eye yandisa imisebenzi yayo kwilizwe lonke nakwamanye amazwe ukususela ngelo xesha. Ngeendibano zocweyo ezininzi eziqhutywe kulo lonke elaseMzantsi Afrika nakumazwe avela kwiingxabano, eli ziko lincede abantu ngabanye, iintsapho kunye noluntu ukuba bajongane nelifa leemvakalelo zobundlobongela, ucalucalulo kunye nokwahlukana kwezintlalo. Umsebenzi walo uye waba ngumzekelo oqatshelelwayo kwiilabathi liphela wokuphilisa iintlungu kunye noxolelwaniso.

Igalelo likaMfundisi uLapsley alipheleli nje kwinkonzo yokudibanisa uluntu, kodwa lifikelela nakulondolozo lwelifa

lemveli elingabonakaliyo laseMzantsi Afrika. Ngokukhuthaza abantu ukuba babelane ngamabali abo obuqu nokulondoloza amava okwenyani angongquzulwano noxolelwano, uye wanceda ekuqinisekiseni ukuba inkumbulo ngokwayo iba sisixhobo esibalulekileyo sokuphilisa, imfundo kunye nokwakhiwa kwesizwe. Umsebenzi wakhe ubonakalise ukuba uxolelwaniso ayonkqubo nje yezopolitiko, kodwa ikwayinkqubo yenkcubeko eqinisa umanyano loluntu kunye nobumi obusekelwe kwidemokhrasi.

Ukwa negalelo kwicandelo lezemfundo ngopapasho lwemisebenzi equka iNeutrality or Co-option? Anglican Church and State until the Independence of Zimbabwe ngowama(1986) kunye neRedeeming the Past: My Journey from Freedom Fighter to Healer ngowama(2012), nto leyo eyongeza ekubhaleni ngembali yomzabalazo woMzantsi Afrika, uxolelwano kunye nomsebenzi oqhubekekayo wokuphilisa. Igalelo likaMfundisi uLapsley liye laqatshelwa kwilizwe lonke nakwamanye amazwe ngeembasa ezininzi, kuquka iQueen's Service Medal yaseNew Zealand, iFriendship Medal yaseCuba, iDisa Award yaseNtshona Koloni, kunye nezidanga zobugqirha ezintandathu zembeko anikwe zona ngenxa yegalelo lakhe kuxolo, kubuyiselwano nakubulungisa kwezentlalo.

Imbasa ehlala ihleli ihlonipha uMfundisi uMichael Lapsley ngenxa yegalelo lakhe elibalaseleyo lobomi bakhe bonke ekuphiliseni, ekuxolelaniseni nasekugcineni isikhumbuzo nelifa lemveli loMzantsi Afrika, kunye nokwakha ilifa eliqhubeka lomeleza uluntu eMzantsi Afrika nakwihlabathi liphela.

Njingalwazi Sylvia Bruinders

UNjingalwazi Bruinders yingcali ebalaseleyo kwicandelo lomculo, umphandi, utitshala, kunye nengcali yezenkcubeko, ogama lakhe umsebenzi wenze igalelo elibalaseleyo kulondolozo, kuphuhliso, nokukuqonda ngokobungcali ilifa lomculo laseMzantsi Afrika.

Wazalelwa waza wakhulela eKapa, kwaye uzinikele kakhulu kwimisebenzi yakhe yezemfundo neyobungcali ekubhaleni, ekulondolozeni nasekukhuthazeni izithethe zomculo okhethekileyo eNtshona Koloni, eqinisekisa ukuba izithethe zenkcubeko ezazikade zingahoywa ngokwembali ziyaqondwa njengenxalenye ebalulekileyo yesazisi senkcubeko saseMzantsi Afrika.

Njengentloko yeSebe leEthnomusicology kunye noMculo waseAfrika kwiSouth African College of Music kwiYunivesithi yaseKapa, uNjingalwazi Bruinders udlale indima ephambili ekuguquleni indlela yokufundwa komculo waseAfrika kwicandelo

lemfundo ephakamileyo. Ngokufundisa kwakhe, uphando lwakhe kunye noqeqesho lwakhe, uqeqeshe abaphandi abasakhasayo, abafundi abaphumelele izidanga zokuqala kunye nabaculi ngelixa enegalelo elikhulu ekukhululiseni izifundo zomculo kunye nophuhliso lwesizukulwana esitsha seengcali, abaculi kunye nabasebenzi benkcubeko abazinikele ekugcineni nasekukhuthazeni izithethe zomculo waseAfrika.

UNjingalwazi uBruinders waziwa kwihlabathi liphela ngophando lwakhe oluvula indlela malunga neChristmas Bands Movement yaseNtshona Koloni. Uphando lwakhe lwezifundo zobugqirhalwazi oluphumelele iimbasa kunye nencwadi yakhe eyamkelwe kakuhle, iParading Respectability: The Cultural and Moral Aesthetics of the Christmas Bands Movement in the Western Cape, South Africa, ziye zaba yimisebenzi ebaluleke kakhulu kwinkalo yezifundo zomculo eMzantsi Afrika.

Ngeminyaka yophando olunzulu olwenziwa phakathi eluntwini kunye nokusebenzisana noluntu, uye wabhala waza wagcina iingxelo ezibalulekileyo malunga nentsingiselo yembali, yezentlalo neyomculo yale nkubeko yakudala esele ikhona kangangeenkulungwane, kwakunye nendima yayo ekwakheni nasekuqiniseni isazisi soluntu, isidima sabahlali, kunye nomanyano nentsebenziswano yoluntu. Into ephawulekayo ngomsebenzi wakhe wophando kukurekhoda nokutolika amasiko enkcubeko yeGhoema yaseNtshona Koloni, kuquka iKlopse (iCape Minstrel Carnival), amaqela omculo weKrisimesi kunye namaqela eengoma zamaMalay. Ngophando olubanzi olusekwe koovimba bambali, ukuqokelelwa kwembali yomlomo, kunye nomsebenzi wophando owenziwe ngokuthatha inxaxheba koluntu, uye walandelela imvelaphi yezembali yezi zithethe zenkcubeko, wayidibanisa neendlela zokuziveza ngokwenkcubeko zoluntu olwalukhobokiswe eKapa, ebonisa indlela eziye zaguquka ngayo zaba ziimpawu ezihlala zihleli zokumelana nobunzima, ukuzazi nokuba yinxalenye yoluntu.

Umsebenzi wakhe ube negalelo elibonakalayo ekwandiseni ukuqondwa, kwinqanaba lesizwe nakwelamazwe ngamazwe, kwezi zithethe zenkcubeko ezikhethekileyo zaseKapa. Kwangaxeshanye, uye waqinisa ukuqatshelwa kwazo njengenxalenye ebalulekileyo nengenakwahlulwa kwilifa lenkcubeko elingaphathekiyo loMzantsi Afrika, ngaloo ndlela enegalelo elikhulu ekulondolozeni nasekukhuthazweni kwalo kwizizukulwana zangoku nezizayo.

Ngaphaya komsebenzi wakhe kwezemfundo, uNjingalwazi Bruinders usebenze ngokusondeleyo noluntu, neemvumi, kwakunye nemibutho yenkcubeko ukuqinisekisa ukuba ezi

zithethe ziphilayo ziyaqhubeka zikhula kwaye ziselugcinweni. Uphando lwakhe lubalasele ngendlela yalo yentsebenziswano egxile kuluntu, eqinisekisa ukuba amazwi namava abo bazisebenzisayo ezi zithethe ahlala esembindini wamabali neengxelo azibhala phantsi.

Ngophando olunzulu, ukukhuthaza inkcubeko kunye namanyathelo okugcina ilifa lemveli, uye wabhala, wacina waza waphakamisa amasiko omculo abalulekileyo kwilifa lemveli elingabonakaliyo leNtshona Koloni, eqinisekisa ukuba ezi zenzo zasekuhlaleni ziyaqhubeka nokuncedisa kuphando, ekuqondeni koluntu nakwizizukulwana ezizayo. Ubunkokeli bakhe buquka ilizwekazi lonke laseAfrika ngokusebenzisa amaphulo afana neprojekthi yophando yaseAfrika iphela exhaswa ngemali yakwaMellon, iMapping Africa's Musical Identities, ekhuthaza intsebenziswano phakathi kweengcali namaziko aseAfrika ngelixa iqhubela phambili uphando ngeenkcubeko zomculo waseAfrika.

Imbasa ehlala ihleli ihlonipha uNjingalwazi uSylvia Bruinders ngenxa yegalelo lakhe elibalaseleyo ekulondolozeni, ekubhaleni nasekuphuculeni ilifa lomculo leNtshona Koloni, kunye nokuqinisekisa ukuba amazwi, imbali kunye namasiko oluntu lwaloo mmandla ziyaqhubeka nokubumba isazisi senkcubeko yoMzantsi Afrika nokukhuthaza izizukulwana ezizayo.

Fahruq Valley-Omar

Wazalelwa eWorcester ngowama1945, unikezele ngobomi bakhe ekuphuculeni imidlalo yeqonga, amaGcisa, imfundo yezobugcisa kunye nokubaliswa kwamabali enkcubeko eMzantsi Afrika. Uhambo lwakhe kwihlabathi lobuGcisa lwaqala emva kokubukela umdlalo kwiThiyetha encinane eKapa, nto leyo yamkhuthaza ukuba aye kufumana uqeqesho olusemthethweni kwezobuGcisa kwiYunivesithi yaseKapa. Ngexesha apho amathuba kwicandelo lobugcisa ayenqongophele ngenxa yocalucalulo, yayinguye kuphela umntu webala owabhalisela izifundo zediploma yootitshala bomdlalo weqonga; oku kwenza uhambo lwakhe lube yinxalenye ebalulekileyo kwimbali yemfundo yobuGcisa eMzantsi Afrika.

Kwisithuba somsebenzi esithathe ngaphezu kwamashumi amahlanu eminyaka, uValley-Omar uzazise njengomnye wabasebenzi bezobuGcisa beqonga abahlonitshwayo nabaziwayo kakhulu eNtshona Koloni. Umsebenzi wakhe omkhulu uquka imiboniso yeqonga ebalulekileyo efana neDistrict

Six: The Musical, Fiela's Child, Fiela se Kind, Skyf, Just Like Home, Antjie Somers, Toorberg kunye nemidlalo kaShakespeare eyadlalwa eMaynardville. Ngale miboniso, uye wanegalelo ekubhaleni amabali abonakalisa amava, iimbali neempawu zesazisi ezahlukeneyo zoluntu lwaseMzantsi Afrika. Indima yakhe kwi*District Six: The Musical* ibaluleke ngokukodwa ngenxa yendawo ebalaseleyo enayo kwimbali yenkcubeko yaseKapa nokuboniswa kwamava okufuduswa nokususwa ngenkani kwabahlali baseDistrict Six.

Igalelo lakhe kubuGcisa bemidlalo yeqonga aligcinanga ekubeni ngumdlali kuphela. Njengomlawuli wemidlalo yeqonga, uValley-Omar udlale indima ebalulekileyo ekuphuhliseni iqonga nakwinkxaso yamaGcisa asakhulayo ngemiboniso efana ne*Bugsy Malone* eyaveliswa liQela leEoan eJoseph Stone Theatre, kwakunye neminye imidlalo yeqonga. Ukuzinikela kwakhe ekukhuliseni italente nasekudaleni amathuba kwabanye kuye kwaqinisa icandelo lezobugcisa kwaye kwanegalelo ekuphuhliseni izizukulwana ezizayo zamagcisa emidlalo yeqonga.

Into ephawulekayo ngomsebenzi wakhe kukuzinikela kwakhe kwimfundo yezobuGcisa nokuqeqesha abanye. Ubuchule bakhe kunye nesikhokelo sakhe kwabonwa njengezinto ezibalulekileyo ekusekweni kwesikolo esigxile kubugcisa, apho wayexhasa abafundi abanomdla kwimidlalo yeqonga nakwimisebenzi yobugcisa bokudlala. Ngokufundisa kwakhe, ukulawula imidlalo kunye nokukhokela abanye, uye wakhuthaza italente esakhulayo waza waphembelela amaGcisa aselula ukuba aphuhlise izakhono zawo aze angene kumsebenzi wamashishini obuchule nobugcisa.

Ukwanegalelo elibonakalayo kushishino lwemiboniso bhanyabhanya nomabonakude, ngaphakathi eMzantsi Afrika nakwihlabathi jikelele. Imisebenzi yakhe kumabonakude nakwimiboniso bhanya bhanya iquka *Cape of Good Hope, A Boy Called Twist, Die Allemans, Bhai's Café, Die Sprees* kunye ne*Barakat*, logama umsebenzi wakhe ufikelele nakubabukeli bamazwe ngamazwe ngeeprosjekthi ezifana ne*10,000 BC*. Kuzo zonke ezi ndima, uye wanegalelo ekuziseni amabali, amazwi kunye neembono zaseMzantsi Afrika kubabukeli abaninzi ngakumbi.

Inxalenye ebalulekileyo yelifa lakhe yindima ayidlalileyo ekugcineni nasekuboniseni ubutyebi beyantlukwano yenkcubeko yaseNtshona Koloni. Ngemiboniso ephonononga imbali yaseKapa, uluntu lwayo, ubuhlanga, isazisi kunye nelifa lenkcubeko, uye wanceda ekuqinisekiseni ukuba la mabali ayaqhubeka kwabelwana ngawo kwaye aqondwe zizizukulwana ngezizukulwana. Igalelo lakhe njengomcebisi wenkcubeko kwimiboniso bhanyabhanya

ethi *Barakat*, egxile kuluntu lwamaSilamsi aseKapa, likwabonisa ukuzinikela kwakhe ekuqinisekiseni ukumelwa kwenkcubeko ngendlela eyinyani, ehloniphekileyo nenyanisekileyo.

Kwinkulungwane zokufundisa, okucebisa nokwabelana ngobuchule bakhe, uFahruq Valley-Omar ukhuthaze izizukulwanangezizukulwana zabadlali beqonga kunye nabasebenzi bezobuGcisa. Ukuzimisela kwakhe ukuxhasa iinkqubo zobugcisa nokutyala imali ekukhuleni nasekuphuhlisweni kwabanye kushiye uphawu olungacimekiyo kuluntu lwezobugcisa lwaseNtshona Koloni.

Imbasa ehalala ihleli ihlonipha uFahruq Valley-Omar ngegalelo lakhe elibalaseleyo kwimidlalo yeqonga, ifilimu nakwimfundo yezobugcisa; ngokugcina nokukhuthaza amabali, izazisi nelifa lenkcubeko yoluntu lwaseNtshona Koloni; kwanokuzinikela kwakhe okungagungqiyo ekukhuliseni nasekukhuthazeni izizukulwana ngezizukulwana zabadlali bemidlalo yeqonga nabasebenzi bezobugcisa. Ngobomi bakhe bonke obuzinikele ekubaleni amabali enkcubeko, ekucebisaneni nasekuqeqesheni abanye, nakukugqwesa kwezobugcisa, wenze igalelo elihleli lihleli kubomi benkcubeko yaseNtshona Koloni naseMzantsi Afrika.

UMBULELO NOKUQAPHELA AMAQABANE ENTSEBENZISWANO

■ Artscape Theatre Centre



■ Hyundai Bellville



■ African Extracts Rooibos Care




■ Carmien Rooibos Tea





Wes-Kaapse
Regering

VIR JOU



23ste Toekennings vir Kultuursake
Erfenis aan die Beweeg

PROGRAM

Seremoniemeesters

Mnr. Jabaar Cassiem Mohamed en mnr. Koketso Sachane

17:00 – 18:30 Aankoms en Registrasie van Gaste

Foto's op die rooi tapyt
Kulturele optredes in die agtergrond
Vingerhappies word in die Artscape-voorportaal bedien

18:30 Gaste neem hul sitplekke in

Volkslied

Amptelike Opening

